# Imbulambethe

I-SABC iphononononga imiGaqo-nkqubo yoHlelo ekhoyo yeziko. Abaphulaphuli nabasebenzi ngabaxhasi ababini bokuqala be-SABC kwaye le ncwadana iqulunqelwe ukuba ibhexeshe ukuthatha kwabo inxaxheba kule nkqubo. Le ncwadana inikezela imiba jikelele ngemiGaqo-nkqubo ekhoyo yoHlelo ngendlela yoMbuzo-neMpendulo kwakunye nokuphawula amanye kumanqaku engxoxo kule nkqubo yolu phononongo. La manqaku engxoxo akulindelekanga ukuba athintele iingxoxo okanye iimpikiswano, ukuphosa igalelo kwimiba iyonke yemigaqo-nkqubo kwamkelekile.

Imigaqo-nkqubo epheleleyo yohlelo iyafumaneka kwiwebhusayithi yase-SABC, sabc.co.za, okanye nakweyiphi na i-ofisi yase-SABC.

## Intshayelelo

## Q: Kutheni i-SABC inemiGaqo-nkqubo yoHlelo?

NgokweCandelo 6(5) loMthetho woSasazo (njengoko ulungisiwe), i-SABC kulindeleke ukuba iphuhlise imigaqo-nkqubo ejolise ekuqinisekiseni ukuthobelana noMgaqo wokuziPhatha wase-ICASA, imigaqo yelayisensi yeZiko, kwakunye namaLungiselelo oMthetho. Le migaqo-nkqubo kufuneka ibandakanye umgaqo-nkqubo wohlelo lweendaba nemigaqo-nkqubo yokwenziwa kweenkqubo, isiqulatho sengingqi, imfundo, iinkonzo jikelele nofikelelo, ulwimi kunye nezenkolo.

## Q: Yintoni injongo yemiGaqo-nkqubo yoHlelo?

Imigaqo-nkqubo yenzelwe ukunceda abasebenzi bohlelo bakwazi ukuthethathethana ngemiba enzima yohlelo kwakunye nezigqibo ekufikelelwe kuzo ukuze bakwazi ukwenza iinkqubo ezicacileyo nezinyanzelayo – futhi ngamanye amaxesha ezineempikiswano, ngexa kugcinwe eyona migangatho iphezulu yeenqobo ezisesikweni nemigangatho yohlelo. Okubalulekileyo, le migaqo-nkqubo inikezela inkqubo-sikhokelo apho abasebenzi be-SABC benza izigqibo malunga nesiqulatho somxholo esiqhutywa kumaqonga ethu.

## Q: Ingaba le migaqo-nkqubo isebenza kunomathotholo nakumabonakude kuphela?

Akunjalo, le migaqo-nkqubo inxulumene nesiqulatho sisonke se-SABC kwakunye neenkonzo zabaphulaphuli kuzwelonke nakwizizwe ngezizwe. Isebenza kuzo zonke iinkonzo, nokuba zinikezelwa kunomathotholo okanye kumabonakude, ngokusebenzisa i-intanethi, ngenkonzo yomyalezo omfutshane (SMS) okanye ngeselula, ziveliswe lisebe le-SABC okanye inkampani ezimeleyo.

## Q: Ingaba imiGaqo-nkqubo yoHlelo ijongana nantoni, xa kutheni?

UMthetho woSasazo wonyaka ka-1999 (njengoko ulungisiwe) ufuna i-SABC iphuhlise oku kulandelayo:

i. Umgaqo-nkqubo wohlelo lweendaba

ii. Umgaqo-nkqubo wokwenziwa kweenkqubo

iii. Umgaqo-nkqubo wesiQulatho seNgingqi
iv. Umgaqo-nkqubo wemfundo
v. Umgaqo-nkqubo weenkonzo jikelele nofikelelo
vi. Umgaqo-nkqubo wolwimi kunye
vii. noMgaqo-nkqubo wezeNkolo okanye uNqulo

I-SABC ikhethe ukubandakanya konke oku kungasentla kule miGaqo-nkqubo yoHlelo yangoku. Ukongeza, kukwakho necandelo elicacisa ngamaGunya eZiko nobandakanya iiMpawu zeNtsulungeko zoHlelo ezinguNdoqo ze-SABC, uMgaqo woHlelo nogqithiselo loHlelo oluya kwabaPhezulu.

Ukongeza, iindawo egunyaziselwe zona imigaqo-nkqubo yohlelo ekuphuhliseni imigaqo-nkqubo ejongene nemiba eyodwa xa ivela, kwimiba yeeNdaba neMicimbi yaNgoku, iphuhlise le migaqo-nkqubo yongeziweyo ilandelayo neyamkelwe yiBhodi ye-SABC:

- zikhokelo zomgaqo-nkqubo kusetyenziso lwababalisi (commentators) nabahlalutyi (analysts)
- Umgaqo-nkqubo ekubonisweni kwemingcwabo karhulumente
- Umgaqo-nkqubo ekubonisweni ngokulinganayo ngexesha lonyulo lukazwelonke.

## Q: Kutheni i-SABC iphononononga imiGaqo-nkqubo yoHlelo?

ImiGaqo-nkqubo yoHlelo ichaza ukuba imigaqo-nkqubo kufuneka iphonononongwe rhoqo. Ukongeza koku, ukususela oko kwaqaliswa imiGaqo-nkqubo yoHlelo ngonyaka ka-2004, usasazo lulonke lubeneenguqulelo ezininzi ezisisiseko nezinempembelelo kwiindlela izigqibo malunga nesiqulatho ezenziwa ngayo – oku kubangele iingxakana kwimigaqo-nkqubo yohlelo kengoko olu phononongo kufuneka luqinisekise ukuba imiGaqo-nkqubo yoHlelo ibonisa olu phuhliso, ngexa isanikezela indawo efanelekileyo kubasebenzi ukuba bafikelele kwigunya leziko loSasazo loLuntu.

## Q: Luqhutywa njani olu phononongo?

Imigaqo-nkqubo yokuqala yayiziziphumo zeenyanga zokudlana iindlebe nabacebisi; olu phononongo luza kulandela inkqubo ekwanjalo – nokuthatha inxaxheba okubanzi kwabasebenzi be-SABC kunye namalungu oluntu. Uvakaliso-zimvo noluntu jikelele luya kuqhutywa kwiphondo ngalinye

kwaye abaphulaphuli bethu baya kufumana ithuba lokuthatha inxaxheba kwiinkqubo zikanomathotholo, umabonakude nokusebenzisa amajelo eendaba asebenzisanayo anjengo-Facebook newebhusayithi yase-SABC.

Amava e-SABC ngale migaqo-nkqubo yohlelo iya kwazisa uphononongo nemfundiso esuka kwamanye amaziko osasazo oluntu, uninzi lwawo anayo imiGaqo-nkqubo yoHlelo okanye iziKhokelo.

## UPhononongo: Imiba Jikelele

### Uzalisekiso:

Ngexesha lophononongo lokuqala, kuvele ukuxhalaba malunga nozalisekiso oluqhubekekayo lwemiGaqo-nkqubo yoHlelo ngaphakathi kwi-SABC. Ngenxa yoko, kuyimfuneko ukuquka amagatya awodwa kule migaqo-nkqubo yohlelo ukuqinisekisa ukuba kuyathotyelwana nawo kwaye azalisekiswe ngendlela efanelekileyo kwishishini lilonke.

### Inkxaso-mali kurhwebo/Inkcaso kwiziko loSasazo loLuntu:

Phantse ngokukodwa kwiziko losasazo loluntu, uninzi lomvuzo we-SABC ufumaneka kurhwebo – ngokukodwa imisebenzi yezibhengezo zemveli. Oku kuthetha ukuba i-SABC ixhomekeke kwimicel'imngeni emininzi ukuze ikwazi ukunikezela igunya layo losasazo loluntu kwaye uninzi lwale micel'imngeni inempembelelo ethe ngqo kwinkqubo yokwenziwa kwesigqibo kuhlelo. ImiGaqo-nkqubo yoHlelo ithe cwaka ngokubhekiselele ekulawuleni inkcaso enokuvela ngenxa yokusebenza phantsi kogunyaziso lolubini, urhwebo noluntu jikelele
– ingaba zikhona iindlela le migaqo-nkqubo enokwenza ngayo oku?

### Uphuhliso kwezobuchwepheshe:

Olona phuhliso lobuchwepheshe olubaluleke kakhulu olujongene nababukeli, ngokwemigaqo-nkqubo yohlelo lolu:

- Ukuvela (nokukhula okuqhubekekayo) kwamajelo asentlalweni.
- Inguqulelo ekufuphi esuka kuthungelwano losasazo lwe-analogu ukuya kuthungelwano ngedijithali. Ii-blog, ii-microblog, imimandla yesiqulatho nothungelwano lwasentlalweni axhalabisa kakhulu kwimiGaqo-nkqubo yoHlelo, kwaye koku, kukho iindawo ezine ezifuna ingqwalaselo ngokoHlelo.

## Uphononongo:

• Ukusetyenziswa kweziza zamajelo asentlalweni njengoovimba bolwazi, ingakumbi kwiindaba. Lo ngumba onokuqwalaselwa ngamandla kwicandelo leeNdaba yeMicimbi yaNgoku lcandelo lemiGaqo-nkqubo yoHlelo

• Ukusetyenziswa kothungelwano lwamajelo asentlalweni ngabasebenzi base-SABC kwizikhundla ezizezabo. Umahluko kuya kufuneka wenziwe phakathi kwabo basebenzi abaneeprofayili ezithungelana ne-SABC ngendlela engenakuconjululwa kunye nabo abangenjalo.

• Ukusetyenziswa kwamaqonga e-SABC ekunyuseni umgangatho weziza zamaqela angamanye nako kufuna ukuphononongwa

• Ulawulo lwesiqulatho esiveliswe ngabasebenzisi, esinjengamava aziwa njenge-below-the-line kwii-blog-style web pages.

Ngexa impembelelo ye-Digital Terrestrial Television (DTT) isaza kuvakala, iya kuba nesiphumo esinzulu kwisiqulatho sikamabonakude kwixesha elizayo. Ukwanda kwe-bandwidth eya kuvumela usasazo lwezitishi ezininzi, uvavanyo kuya kufuneka lwenziwe lokuba le nguqulelo eninzi iyakuba nempembelelo kwimiGaqo-nkqubo yoHlelo. Ukwaziswa okukufuphi kwe-DTT kukwaqhuba uphononongo lomgaqo-nkqubo nomiso ngokusemthethweni olufuna ingqwalaselo xa kusenziwa le migaqo-nkqubo.

# ImiGaqo-nkqubo eKhoyo: iGunya

## Q: Zeziphi iimpawu zentsulungeko zohlelo ezingundoqo ze-SABC?

***Ukulingana*** – I-SABC inikezela iinkqubo kuye wonke umntu, ngazo zonke iilwimi ezisebuhulumenteni, futhi yonyusa umgangatho wofikelelo jikelele kwiinkonzo zayo.
*Ukuzimela kohlelo* – TI-SABC ilawulwa yiTshatha yeZiko nefaka ukuzimela kweentatheli, ubuchule bokuyila nokwenziwa kweenkqubo ngabasebenzi beziko kwakunye nenkululeko yokuthetha nantoni na ekhuselwe ngumgaqo-siseko.
*ULwakhiwo lweSizwe* – I-SABC ibhiyozela uphawu kuzwelonke loMzantsi Afrika nenkcubeko, nokunikezela abemi bawo ulwazi abalufunayo ekuthatheni inxaxheba kulwakhiwo lwedemokrasi yethu.
*Ubuyantlukwano* – I-SABC ibonisa ukuba ziintlobo ngeentlobo koMzantsi Afrika

ngokweelwimi, inkcubeko, amaphondo kunye nabantu kwiinkqubo zayo.

*ISidima soLuntu* – I-SABC iyasihlonipha isidima semveli sabantu bebonke boMzantsi Afrika, ikwakubonisa oku kwiintlobo ngeentlobo zizonke futhi ayisebenzisi ulwimi okanye imifanekiso ebonisa ingcinga esoloko isetyenziswa njalo okanye iingcinga zobuhlanga ngeentlanga zoMzantsi Afrika, inkcubeko nesini.

*Intatho-xanduva* – Ekukhupheni uxanduva lwabo lokuhlela, abalawuli kunye nabasebenzi be-SABC banoxanduva kwiBhodi ye-SABC, negunyaziselwe ukuqinisekisa ukuba eli ziko lithobelana neTshatha.

*Ukungabinakhethe* – I-SABC iqinisekisa ukuba imithetho-siseko yokuthembeka, yokungabikho mfihlo nokungabina khethe kulawula yonke imiba yonxulumano lulonke nabo bathatha inxaxheba kwishishini, amaqela achaphazelekayo, abanikezeli beenkonzo kunye noluntu jikelele kwimimandla.

## Q: Kutheni sizifuna ezi mpawu zentsulungeko zohlelo ezingundoqo?

Iimpawu zentsulungeko ezisekelwe kwezo zichazwe kuMgaqo-siseko – ukuquka uphuhliso kuzwelonke, ukubumbana, ukuba zintlobo ngeentlobo, ukungabikho kobuhlanga, ukungabikho kokujongwa ngokwesini, idemokrasi nesidima soluntu — kumele ezo zinto zibonwe njengezibalulekileyo ngabemi boMzantsi Afrika. Zidibanisa ulwahlulo ngokwezopolitiko, ngokodidi okanye iklasi, ngokobuhlanga nangokwesini, kwaye nangona sisesekuqaleni kweprojekthi yethu yophuhliso lwesizwe, oku kuko okusidibanisayo njengesiswe. Iziko losasazo loluntu, kengoko, kufuneka luseke iziseko ezizezalo zemigaqo-nkqubo yohlelo.

### Uphononongo: IiMpawu zeNtsulungeko kuHlelo

- Ingaba ezi mpawu zentsulungeko zisafanelekile kusasazo loluntu kumba wophuhliso lukarhulumente?
- Ingaba zikhona iimpawu zentsulungeko ezishiyiweyo, ukuba ngaba naziphi na ezikhoyo zingasuswa okanye kutshintshe umxholo eziwunikiweyo?
- Ukongeza kwimiba ephawulwe ngasentla, kukho nemfuneko yemithetho-siseko ekufuneka ithiwe thaca futhi isetyenziswe.

## Q: Yintoni uMgaqo woHlelo?

UMgaqo woHlelo waphuhliswa yiBhodi ye-SABC ngonyaka ka-1993 waze wahlaziywa ngokutsha ukuba ube yinxenye yemiGaqo-nkqubo

yoHlelo ngonyaka ka-2003. UMgaqo wavela kwiiMpawu zeNtsulungeko ezinguNdoqo waze wathi wakuhlaziywa ngonyaka ka-2003, wathathela ingqalelo uphuhliso olulandelayo kwezomthetho. Kuphindaphindo lwangoku, uMgaqo woHlelo unamagatya alishumi elinesihlanu, isibhozo sawo sijongene ngokukodwa neeNdaba kunye neMicimbi yaNgoku, isithandathu sijongene nako konke okungokunye aze amabini ajongane ngokukodwa nokwenziwa kweenkqubo. Imiba eqwalaselwe kulo Mgaqo kukwajongenwe nayo kumacandelo afanelekileyo emiGaqo-nkqubo yoHlelo.

## Q: Ithetha ukuthini iNkqubo yoGqithiselo kwabaPhezulu okanye i-'Upward Referral'?

INkqubo yoGqithiselo kwabaPhezulu ithetha inkqubo yokuziggatsa nalapho abasebenzi bohlelo bathetha nabaphathi babo ngazo naziphi na izigqibo zohlelo abangaqinisekanga ngazo. Xa kuvela nabuphi na ubunzima ngexesha lokuveliswa kwenkqubo kunye/okanye ulawulo lohlelo, okanye umvelisi wenkqubo okanye umhleli ogunyazisiweyo engaqinisekanga ngayo nayiphi na into, kufuneka badibane nomphathi wabo ukufuna indlela esisikhokelo. Le nkqubo yogqithiselo kwabaphezulu ihamba ide ifikelele kwiGosa leQela lesiGqeba esiLawulo (GCEO) kwisikhundla sakhe njengomhleli oyintloko. I-SABC ilubona olu gqithiselo kwabaphezulu njengendlela eyimfundiso macala, ekhulisayo neluphuhliso kubo bonke abasebenzi abathathe inxaxheba. Ayenzelwanga ukuba iguqule ukwenziwa kwezigqibo ekubeni kusiwe kwabaphezulu; koko yenzelwe ukuba, xa ifuneka, ixhase ukwenziwa kwesigqibo esidityanelweyo kunye noxanduva okwabelwana ngalo lokuhlela – ingakumbi xa ujongene nezigqibo ezinzima – nasekuphawuleni ukuxhomekelelana nokukholisa kweziko kwakunye nabasebenzi balo bohlelo. Inkqubo yogqithiselo kwabaphezulu ayinanjongo yokungavumeli imveliso nosasazo lweenkqubo ezineempikiswano nezinyanzelisayo; koko ijolise ekwenzeni nasekugunyaziseni iinkqubo ezinjalo ngexa ikwagcine eyona migangatho iphezulu esesikweni neyohlelo.

## Q: Ingaba ikhona nayiphi na imiba ekufuneka igqithiselwe kwabaphezulu?

Ikhona imiba ethile ethi xa abasebenzi bohlelo bejongene nayo kufuneke ukuba bayigqithisele kwabaphezulu. Amatyeli anjalo aquka udliwano-ndlebe nabaphuli-mthetho okanye abantu abafunwa ngamapolisa, nokubonisa

okanye ukubonisa abantu kusasazo ngqo ngeenjongo zokonwabisa usebenzisa iikhamera ezifihliweyo. La matyeli ewonke alishumi elinesine, nadweliswe kuxwebhu lwemiGaqo-nkqubo yoHlelo, nagunyaziswe ukuba agqithiselwe phezulu.

### Uphononongo: UmGaqo woHlelo noGqithiselo kwabaPhezulu

• Kubalulekile ukumisela ukuba phantsi kweziphi na iimeko apho kufuneka kugunyaziwe ugqithiselo kwabaphezulu, kwaye ukuba kunjalo, ingaba uluhlu lufanelekile njengoko lumisiwe kwimiGaqo-nkqubo yoHlelo okanye le miba ingaba kufuneka ifakiwe okanye isusiwe kolu luhlu?

• Ingaba kufanelekile ukuba iGosa leQela lesiGqeba esiLawulayo libe yiNtloko yoHlelo, ukuba akunjalo, ngubani othatha uxanduva lulonke lesiQulatho soHlelo kwaye oko kwenziwa njani?

## ImiGaqo-nkqubo yaNgoku: Ukwenziwa kweeNkqubo

### Q: Yeyiphi imigaqo-nkqubo neemfuno ezise-mthethweni ezilawula isiqulatho seenkqubo ze-SABC?

• ITshatha

• IiMpawu zeNtsunguleko ezinguNdoqo zoHlelo lwe-SABC

• UmGaqo weNdlela yokuSebenza woHlelo lwe-SABC

• Iimfanelo ze-SABC zokuthobelana nemigangatho yorhwebo, uMgaqo wokuziPhatha wamaZiko oSasazo, nelawulwa yi-BCCSA

• Imfanelo ye-SABC yokuthobelana nemigaqo nemiqathango yelayisensi yase-ICASA.

### Q: Ingaba ikhona nayiphi na imithetho-siseko ekhokela ukwenziwa kweenkqubo ze-SABC?

Ubuchule be-SABC kulwenziwo lweenkqubo bukhokhelwa yile mithetho-siseko ilandelayo:

• Iinkqubo zixhaswa ziimpawu zentsulungeko zohlelo ezingundoqo zohlelo. Oku kunempembelelo kwimveliso, ugunyaziso nokufunyanwa kweenkqubo zizonke.

• I-SABC izama kangangoko ukunikezela uluhlu olubanzi ngolwazi, imfundo nolonwabo kwiinkqubo ezohlukeneyo neendlela ezenziwa ngayo nalapho wonke umntu enokufumana into edala umdla kumaxesha athile

• Njengeziko losasazo loluntu kuzwelonke, ngumsebenzi we-SABC ukukhuthaza uphuhliso lwendlela yokuthetha yaseMzantsi Afrika. Ngokwenza njalo, ibonisa italente yabemi boMzantsi Afrika, ixhasa inkcubeko yaseMzantsi Afrika, futhi ikwajolise ekphuhliseni iinkqubo ezibonakalayo ukuba zezaseMzantsi Afrika.
• Injongo ye-SABC kukubonisa ubomi babemi boMzantsi Afrika njengebemi behlabathi nokubanisa ezona nkqubo zingcono kakhulu ezinikezelwa lihlabathi.
• Njengoko siyazi imbali yethu, nokuba uMzantsi Afrika uyinxenye yelizwekazi lase-Afrika, i-SABC ibona iluxanduva lwayo ukuzama ukumela i-Afrika namabali ase-Afrika ngendlela enobulungisa neentlobo ngeentlobo zobume bayo.
• Inkululeko yokuthetha kuyinto exatyiswe kakhulu kwiinkqubo ze-SABC.

## Q: Kutheni kufuneka sinike isilumkiso esoneleyo kubabukeli malunga nesiqulatho seenkqubo?

Ukumiswa ngononophelo kweenkqubo nesilumkiso esifanelekileyo okanye iingcebiso zivumela uluntu lwethu kwimimandla ukuba lukwazi ukukhetha okuvumelekileyo kubo malunga nabafuna ukukubona nokumamela. Le nkqubo ayiphazamisani noxanduva lohlelo lwe-SABC ngayo nangayiphi na indlela, koko izinzisa inkcubeko yentlonipho yenkululeko yokuthetha kwakunye nelungelo lokufumana nokugqithisa ulwazi.

## Q: Yeyiphi imiqondiso eyohlukeneyo esiyisebenzisayo njengezilumkiso?

UMgaqo wokuziPhatha wamaZiko oSasazo ufuna sinike abaphulaphuli iingcebiso ezicacileyo ukuze bakwazi ukukhetha okuvumelekileyo kubo malunga nabafuna ukukubona nokumamela; okanye okuvumela abantwana babo bakubone okanye bakuve. Oku kubandakanya izalathisi zobudala (13, 16, 18), nemiqondiso yesiqulatho – violence (V); explicit sexual conduct (S); nudity (N); bad language, including profanity (L); kunye ne-prejudice (P).

## Q: Kutheni iinkqubo ezijongene nemixholo yabantu abadala zisasazwa ebusuku?

Ixesha lokohlulwa kwezinto (21:00 – 05:00) lixesha apho ngokuqhubela phambili kuboniswa zonke iinkqubo zabantu abadala kumabonakude. Phambi kweli xesha lokohlulwa kwezinto, iinkqubo ezingafanelekanga ebantwaneni

azibonisw a. Eli xesha lilawulwa ngokusemthethweni nguMgaqo wokuziPhatha wamaZiko oSasazo kwaye ukungathotyelwa koku kuqwalaselwa yi-BCCSA.

## Q: Ingaba likhona ixesha lokohlulwa kwezinto kunomathotholo?

Nangona uMgaqo wokuziPhatha wamaZiko oSasazo ungacacisi ngokukodwa ixesha lokohlulwa kwezinto kunomathotholo, i-SABC ithobela intetho yokuba izikhululo zingasasazi iinkqubo ezingafanelekanga ebantwaneni ngamaxesha apho besenokuba yinxenye enkulu yabaphulaphuli. Umzekelo, izikhululo kufuneka ziqonde ukuba abantwana basenokuba bamamele unomathotholo xa besiya naxa bebuya esikolweni.

## Q: Ndenza ntoni xa inkqubo inesenzo okanye intetho engcolileyo?

UMgaqo uthi ulwimi olungalunganga, ukuquka isenzo okanye intetho engcolileyo kwakunyo nemateriyali engekho buthathaka kwezenkolo akufunekanga isetyenzisiwe kwiinkqubo eziyilelwe ngokukodwa abantwana. Ngaphezulu, akukho lwimi oluhlaselayo okanye olungalunganga ekufuneka lusetyenzisiwe ngaphambi kwexesha lokohlulwa kwezinto kumabonakude, okanye ngamaxesha apho inani elikhulu labantwana lilindeleke ukuba liyinxenye yabaphulaphuli. Umgaqo-nkqubo wokwenziwa kweeNkqubo kwi-SABC uyakwamkela ukuba nangona izenzo okanye iintetha ezingcolileyo ziyinxenye yentetho yemihla ngemihla nanjengoko isetyenziswa rhoqo kumabonakude, oko akulunganga kubaphulaphuli abaninzi. I-SABC kengoko izama ukusebenzisa umqondiso osisilumkiso ongu-"L" ngamandla xa kukho isenzo okanye intetho engcolileyo ixhalabisa, ukunciphisa ukuxhwaleka kwabo baphulaphuli abanokubona oko kungalunganga okanye kuhlasela. Ezi zikhokelo zilandelayo ze-BCCSA kufuneka nazo zisebenze:

- Kwimiba yemidlalo okanye imiboniso ebonisa izinto ngobunjalo bazo (documentary) ngaphandle kokuba kukho iimeko ezenza mandundu ngokukodwa, ukungathatheli ngqalelo ekusebenziseni iGama leNkosi kungasetyenziswa kwimiboniso esemva kwexesha lokohlulwa kwezinto ngabalinganiswa okanye abantu ababoniswe kusasazo, ngokuxhomekeka kwisilumkiso ngolwimi kunye nesithintelo esifanelekileyo ngokweminyaka.

• Ngexesha leentsapho, amagama anjalo aye asuswe kangangoko kufanelekile. Ifrikwensi ephezulu ayivumelekanga.

• Xa abasasazi besebenzisa ulwimi olunjalo ngendlela egxeka abaphulaphuli – nokuba kusemva kwexesha lokohlulwa kwezinto – oko kubonwa njengokuphikisana nomGaqo.

## Q: Uthini umgaqo-nkqubo ngendima yethu kusetyenziso lolwimi kwiinkqubo?

Iziko losasazo loluntu nguvimba obalulekileyo wolwazi nenkcubeko nonokuba nempembelelo kwimigangatho neempawu zentsulungeko kusetyenziso lolwimi. I-SABC kengoko kufuneka igcine imigangatho ephezulu yemfezeko ngokunxulumene nokusetyenziswa kolwimi. Izikhokelo zezi zilandelayo:

• Ukungasebenzisi ulwimi ngokukhwankqisayo • Kungaze kusetyenziswe izenzo ezingenasizathu okanye intetho engcolileyo • Kungaze kupheliswe ukusetyenziswa kolwimi olungalunganga kwiinkqubo, koko ivunyelwe kuphela xa ikhusela ngokomxholo nobunyani/ukukholisa • Nokuba ukusetyenziswa kolwimi kufuneka kuqwalasele ubuthathaka kwezenkolo.

## Q: Uthini umgaqo-nkqubo we-SABC kucalucalulo olunxulumene nokukhubazeka?

I-SABC iyakuqonda ukuba amaqela akhubazekileyo aziva engathathelwa ngqalelo, kwaye oko ngumsebenzi weziko losasazo loluntu ukunyusa umgangatho wofikelelo kula macandelo abaphulaphuli kwiinkonzo zayo neenkqubo nokuqinisekisa ukuba ukumelwa kwabantu abakhubazekileyo kwiinkqubo zethu kunobulungisa. I-SABC kengoko iphatha abantu abakhubazekileyo ngentlonipho kwiinkqubo zayo, futhi sizibophelele ekujongeni imiba yokhubazeka ngendlela egcina iintetho ezinobungozi ezingafanelekanga ngabantu abakhubazekileyo. Sikwa-zibophelele ekuhloleni iindlela zokwandisa unikezelo lwethu kubantu abakhubazekileyo. Apho kufaneleke khona, sikwazama ukubandakanya abantu abakhubazekileyo kula manyathelo.

## Q: Yenza ntoni i-SABC ekupheliseni ubundlobongela kumakhosikazi?

ImiGaqo-nkqubo yoHlelo kwi-SABC ichaza ngokukodwa ukuba isiqulatho

sayo seenkqubo, xa sijongwe emxholweni, asonyusi mgangatho wobundlobongela kumakhosika, ibonise amakhosika njengamaxhoba angenzi nto obundlobongela nokuphathwa gadalala, ithobe umgangatho wamakhosikazi futhi ijongele phantsi indima yawo nezikhundla zawo ekuhlaleni, inyuse umgangatho wocalucalulo ngokwesini ukungalingani ngokwesini kwaye inyanzelise ingcinezelo ngokwesini nentetho okanye iingcinga ezisetyenziswa rhoqo.

## Q: Kuvumeleke nini ukusasaza imiboniso yobundlobongela kumabonakude?

UmGaqo wokuziPhatha wamisa iimfuno ezingqongqo malunga nokuba ubundlobongela kufuneka bubonisiwe nini okanye bungaboniswa. Ukongeza koku, umGaqo-nkqubo wokwenziwa kweeNkqubo we-SABC uchaza ukuba imiboniso equlathe imifanekiso yobundlobongela ingaboniswa kuphela xa ifuneka ukuze kulinganiswe ulwazi okanye umxholo osemthethweni.

I-SABC kengoko inomsebenzi wokungahombisi naluphi na uhlobo lobundlobongela okanye ukunyusa umgangatho wabo, bubonisiwe kuphela apho bunganceda khona ekuboniseni ibali, ukuvusa uvelwano, uncedo olukhawulezileyo, okanye ukumela okuchanekileyo kweziganeko eziyinene. Ukuba busetyenzisiwe, iingcebiso zabaphulaphuli ziyafuneka. Injongo ye- SABC ayikokubonisa ukuba bungakanani na ubundlobongela obunokunyamezelwa koko kuboniswa ukuba buncinci kangakanani obufunekayo ekufezekiseni ukuthembeka ngaphandle kwemiboniso engafunekiyo okanye ukufaka uhlelo engozini.

## Q: Ingaba umGaqo-nkqubo woHlelo ukhusela ilungelo kwisidima kunye nokuba sekhusini?

UmGaqo ufuna amajelo eendaba ngekhompyutha abe nenkathalelo eyodwa nengqwalaselo kwimiba ebandakanya ubomi obusekhusini nokuxhalaba okusekhusini komntu ngamnye, kukhunjulwa nokuba ilungelo lokuba sekhusini lingangenelelwa ngumdla woluntu jikelele ngokusemthethweni. I-SABC ilindele ukuba izigqibo zohlobo olu nje zithathwe ngengqwalaselo yeempawu zentsulungeko yeziko.

## Q: Ngubani owenza isigqibo sokuba abantwana kufuneka babukele okanye bamamele ntoni?

Amaziko osasazo angangagqithisi imateriyali engafanelekanga yabantwana ngamaxesha athile xa inani elikhulu labo kulindeleke ukuba liyinxenye yabaphulaphuli. Ngaphandle koku, oku kuxhomekeka ebazalini ukwenza isigqibo sokuba abantwana babo babukele ntoni okanye bangabukeli, oko nje thina sizizalisekisa iimfanelo zethu zokuba sisasaze okulungileyo nokubavumela ukuba benze esi sigqibo.

## Q: Ndive ukuba ukuhluza ifilimu akukho mthethweni. Ingaba oku kuyinyani kwaye u-SABC ukwenza njani oku?

Ukuhluza njengoko kwakukhona nakudala, apho bekuqwalaselwa izinto ezidala umdla kubantu abambalwa akusavunywa kuMgaqo-siseko omtsha woMzantsi Afrika nalapho kukho imida embalwa kakhulu yokuthetha into ofuna ukuyithetha. Ukuze kuvunyelwe abaphulaphuli bazenzele izigqibo zabo, okukhethiweyo kukunikezela izilumkiso emoyeni ukwenza lula ukuba bazikhethele izinto ezinjalo.Kengoko kuhlala kulilungelo lakhe womntu umntu ekubeni enze isigqibo sokuba ufuna ukubukela ntoni nokumisa ukuba abantwana kufuneka babukele ntoni na.

## Q: Sijongana njani nezikhalazo ezisuka kuluntu jikelele malunga nokusasaza kwethu?

Izikhalazo ezisuka kumalungu oluntu ezifunyenwe yi-SABC nezinxulumene nemiba yomgaqo-nkqubo, okanye ukuthobelana nomGaqo kujongenwe nazo yi-ofisi kaManejala: Broadcast Compliance. Xa izikhalazo ezinjalo zifunyenwe ziitshaneli okanye izitishi, okanye naliphi na isebe elingelinye, kufuneka zigqithiselwe kule ofisi ngaphandle kokulibazisa. Umgaqo-nkqubo we-SABC kukujongana nesikhalazo ngasinye kwezinjalo. Amalungiselelo empendulo leyo enziwa ngokucebisana okanye kuqhagamshelwana ngokukhawuleza nabalawuli betshaneli/isitishi eso, okanye intloko efanelekileyo yeeNdaba ze-SABC. Kufuneka iinkonzo zokuthatha ubunini bezikhalazo malunga neenkonzo zabo.

## Q: Ingaba i-SABC ilawula ekufuneka kubhengeziwe kwiinkonzo zayo?

Ewe, kangangokuba i-SABC ithobelana nemithetho emiswe yi-Advertising Standards Authority of South Africa. ICandelo leNtengiso noRhwebo nalo ligcina amalungelo okwamkela okanye okwala izibhengezo nezibonwa zingafanelekanga kumdla woluntu okanye ezichasene nemiGaqo-nkqubo yoHlelo ye-SABC.

## Q: Zeziphi izikhokelo ezimalunga nentetho okanye ingcinga esoloko isetyenziswa njalo?

Siqalisa ukubandakanya kwiinkqubo zethu ukwaziswa okutsha kwabakhubazekileyo, amakhosikazi, abantu abamnyama kunye nabo bathandanayo benesini esifanayo, kwakunye nawuphi na ummi woMzantsi Afrika owakhe wajongelwa phantsi ngamajelo eendaba ewonke okanye wamelwa kwiindawo ezimxinwa okanye ekudala zixushwa. Umgaqo-nkqubo we-SABC ume ngolu hlobo: 1. Ukuphatha yonke indawo kummandla woluntu ngentlonipho 2. Ukungaphawuli abantu ngokobuhlanga kwaye nokuchaza umbala kuphela xa oko kuhambelana nesihloko kuxoxwa ngaso. 3. Ukuthintela nasiphi na isalathisi esingafunekiyo kukhubazeko, njengoko kuhlala kubonakala ngathi kuyathukwa okanye kubonakalisa intswelo nokungasebenzisi ulwimi olunokubonisa inkangeleko: umz. “awuva” okanye “uva kanzima” kufuneka asetyenziswe, aze “umntu okhubazekileyo” endaweni yokuthi “ayisebenzi” okanye “sisidalwa” okanye “sisidalwa ngengqondo” 4. Ukusebenzisa ulwimi olungacalucaluli ngokwesondo ukuthintela ukuba kungabikho mntu ophatheke kakubi okanye kubonakale ngathi ngenxa yokuphindaphina – imisebenzi ethile inxulumene nesini esinye kuphela.

### Uphononongo: Ukwenziwa kweenkqubo

- Ingaba oku kungasentla kusafanelekile, ingaba kukho amatyeli apho ubuchule obuthintelayo okanye ukunganyamezeli kufuneka kwamkelwe?
- Kumatyeli amaninzi – anjengemigaqo-nkqubo enxulumene nobundlobongela nesondo kunye nokuhamba ngaze kuyaphakanyiswa kwi-Broadcast Complaints Commission of SA Code. Ukuba oku kuqukwe kumgaqo-nkqubo kunye nakumatyeli apho ikhoyo, nokukhkokelayo ukuba kungenziwa utshintsho kumgaqo nalapho amagatya asuka khona?

• Ingaba eli candelo libaluleke ngantoni xa usebenzisa i-intanethi okanye ezinye iinkonzo ezingezizo ezemveli?
• Kweli candelo, nakwiiNdaba kunye neMicimbi yaNgoku, kukho ukuzibophelela ekufezekiseni ubumeli ngokwesini – kodwa ke, akukho nakunye koku kuzibophelela okuchaza ingqiqo okanye banikezele isikhokelo sendlela yofezekiso.
• Uninzi lwecandelo lokwenziwa kweenkqubo lumalunga nezithintelo
– xa kunokubakho ingqwalaselo enkulu malunga nokufuneka kwenziwe nendlela ekufuneka kwenziwe ngayo?

## ImiGaqo-nkqubo yaNgoku: Iindaba

### Q: Ingaba i-GCEO inalo ulawulo lweeNdaba kunye nokwenziwa kweenkqubo?

Indima yeGosa eliyiNtloko lolunye lwamaxanduva i-GCEO eqala ngawo ukusebenza futhi akufunekanga oku kuphazanyiswe nemisebenzi yeeNtloko zikaNomathotholo, uMabonakude, iiNdaba, imiDlalo neMfundo okanye wabanye abaHleli kunye noManejala weTshaneli nesiKhululo abaqeshwe yi-SABC.
Indima ye-GCEO ayikuko ukwenza iinkqubo zemihla ngemihla okanye izigqibo zegumbi leendaba. Kodwa ke, iBhodi ye-SABC igunyazise uxanduva kwaye ikwanoxanduva kwi-GCEO xa kusenziwa iindaba zizonke kunye nezinye iinkqubo, usasazo nogqithiso kubo bonke oonomathotholo be-SABC, kumabonakude, kwi-intanethi kunye nezinye iinkonzo.

### UPhononongo: IiNdaba

• Ingaba oku kungasentla (kunye namanye amagatya) kwimigaqo-nkqubo kusafanelekile kwaye ulungiso kufuneka lwenziwe phi?
• I-SABC ibigxekwa ngenxa yogqithiso lwengxelo olunacalucalulo; ingaba ikhona imiba yemigaqo-nkqubo enokusetyenziswa ekuqwalaseleni oku?
• Kumba wokugxeka indlela i-SABC eyigqithisa ngayo ingxelo yayo ibineempikiswano, ingenziwa njani imiGaqo-nkqubo yoHlelo ukuba yakhiwe ukuze abasebenzi bagunyazisiwe ukuba bagqithise ingxelo kubo epheleleyo nenobulungisa.

# ImiGaqo-nkqubo yaNgoku: uLwimi: Language

## Q: Izibophelele kangakanani i-SABC malunga nokusasaza ngazo zonke iilwimi ezisebu-rhulumenteni?

Ukuzibophelela okuphambili kuku-: • Nikezela uluhlu lweenkqubo ezizodwa, eziyilwe ngokukodwa nezikumgangatho ophezulu kuzo zonke iilwimi ezili-11 eziseburhulumenteni kunomathotholo nakumabonakude, nokuzama ukubonisa iimfuno zolwimi ngalunye kummandla kwiinkqubo zethu • Ukugcina iinkonzo ezizodwa nezohluliweyo zikanomathotholo kulwimi ngalunye kwezili-11 eziseburhulumenteni • Ukuphatha zonke iilwimi eziseburhulumenteni ngokulinganayo kwiinkonzo zethu zikamabonakude • Ukudibanisa uLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika njengendlela yokwenza ukwenziwa kweenkqubo kufikeleleke kubantu abangevayo • Ukuzama ukubandakanya ezinye iilwimi ezingekho burhulumenteni ezithethwa eMzantsi Afrika, ngokugxininisa ngokukodwa kwi-Khoi, Nama aneSan.

## Q: Sithini isikhundla sethu kwiilwimi ezingekho burhulumenteni kunye nolwimi lokuthetha ngezandla?

I-SABC iyazibophelela ekunikezeleni iinkqubo ezisemgangathweni zikanomathotholo ngeelwimi ezingekho burhulumenteni zoMzantsi Afrika ingakumbi i-Khoi, Nama neSan.

I-SABC inenkqubela-phambili ekwandiseni ubungakanani bokwenziwa kweenkqubo ezithethwa ngezandla, ukuqala kwiindaba ezikhethiweyo nemicimbi yangoku kwakunye neziganeko ezibalulekileyo kuzwelonke. Iinzame ezizodwa ziyenziwa zokunikezela ukutolikwa koLwimi oluThethwa ngeZandla xa kushicilelwa iinkqubo ngokuthe ngqo phambi kwabaphulaphuli.

## Q: Ingaba “impatho enobulungisa” yeelwimi ithetha ukuthini?

Eli gama lithi ubulungisa lithetha ukuba nobulungisa, ukufaneleka nokuba nengqiqo — ingeyiyo ncam impatho elinganayo. Kulo mba, i-SABC ineenjongo zokusasaza zonke iilwimi eziseburhulumenteni kumabonakude, ngexa iqinisekisayo ukuba iinkqubo ziyafikeleleka kubabukeli abaninzi kangangoko inako. Sinenjongo yokufezekisa inkonzo yethu kamabonakude kuzwelonke ngokunikezela iinkonzo ngokwemimandla njengoko kufuneka

njalo phantsi koMthetho woSasazo (njengoko ulungisiwe) ngokuxhomekeka ekufumaneni ilayisensi yezi nkonzo kwi-ICASA nolwabiwo-mali lwale njongo yiPalamente. Ubulungisa buphunyezwa ekudibaniseni iindlela ukuquka imveliso yolwimi olunye neenkqubo ngeelwimi zizonke. Sizama ukuhlola ukusetyenziswa kobuchwepheshe obunjengoguqulo oluvela phantsi kwemifanekiso ukuqinisekisa ukuba iinkqubo ziyafikeleleka kubabukeli abaninzi. Ngamanye amaxesha le njongo iphambili ihlangana nokubalaseleyo ngokusasaza ngeelwimi ezizalanayo okanye eziqondwa ngokubanzi ukuze kuphunyezwe ubulungisa.

## Q: Yintoni ubuchule bethu kusasazo ngazo zonke iilwimi?

I-SABC iyayiqonda indima edlalwa ziinkqubo ezingeelwimi ezininzi ekunyuseni umgangatho wolwazi nokuqonda kwiintlobo ngeentlobo zeelwimi zeli lizwe neenkcubeko. Iinkqubo ezinjalo, xa zisetyenziswe ngesiphiwo sokuyila, zifikelela kubaphulaphuli abaninzi. Ngokunjalo, i-SABC ikwakhuthaza ngokudlamkileyo imveliso enentsingiselo yeenkqubo ezingeelwimi zizonke njengendlela yokufumana iinjongo zayo zosasazo ngolwimi. Iinkqubo ngeelwimi zizonke zezo ziquba inani elithile elingaphezulu kolwimi olunye oluseburhulumenteni.

## Q: Zeziphi iilwimi zaseMzantsi Afrika ezaziwa kwimigaqo-nkqubo njengezona zijongelwe phantsi kakhulu kunezinye?

IXiTsonga, TshiVenda, SiSwati nesiNdebele zaziwa njengezona lwimi zijongelwe phantsi kunezinye kwaye kukho uxanduva olongeziweyo kumaziko anjenge-SABC lokuqwalasela oku kujongelwa phantsi.

## Q: Yeyiphi imiba eqwalaselwayo xa kusenziwa isigqibo malunga nokuba lingakanani ixesha elifunyanwa lulwimi ngalunye kumabonakude?

Ekumiseni ulwabiwo lwexesha kulwimi ngalunye, i-SABC ijongene noku:

- Inani labantu abathetha ulwimi lwenkobe kwindawo emisiweyo. Usasazo ngokwemida kolwimi
- Ubungakanani bamalungu ommandla wolwimi abakwaziyo ukuqonda ezinye iilwimi.
- Ubungakanani bokujongelwa phantsi kolwimi
- Ubungakanani bokuqondwa ngabanye abemi boMzantsi Afrika
- Oovima abakhoyo.

### Uphononongo: uLwimi

• Ingaba oku kungasentla (namanye amagatya) kwimigaqo-nkqubo asafanelekile futhi ulungiso lungenziwa phi?

• Ukuzibophelela ekuqwalaseleni kwakhona ukungalingani ngokwempatho yexesha elidlulileyo ngaphandle kokuqaphela ukuba ulwabiwo loovimba kufuneka luqwalasele oku, lungenzi into engenye: ingaba imigaqo-nkqubo yohlelo ibandakanye

Ukuzibophelela okunjalo kwaye ukuba benza njalo, kungafuneka pakishwa ukubonisa indlela oku kungalingani kwexesha eladlulayo kungaqwalaselwa ngayo.

• I-SABC ingathatha esiphi na isikhundla ngovuselelo lolwimi? Ingaba kufanelekile ukusebenzisa intetho engaphucukanga (slang) kwiinkqubo okanye i-SABC kufuneka ibe ngumkhuseli kwimfaneleko yolwimi?

• Ingaba i-SABC kungafuneka ithathele kuyo ukuba ngumgcini wolwimi, ingaba iwenza njani ulinganiselo lokufaneleka kolwimi? Kukho iilwimi ezilishumi elinanye (II) eziseburhulumenteni eMzantsi Afrika, zonke zinomahluko, ngowuphi umlinganiselo osetyenzisiweyo ekumiseni ukuba yeyiphi i-dialect engenamagingxigingxi.

## Current Policies: Universal Services

### Q: How much of South Africa's population does the SABC cover with its three television channels?

Coverage is currently as follows: SABC1 - 89% SABC2 - 91% SABC3 - 77%

### Review: Universal Services

• Are the above (& other clauses) in the policies still relevant and where should adjustments be made?

• Ngokuqwalasela zonke ezinye izigaba zomGaqo-nkqubo wotHlelo, jongana ngokokudwa nesiqulatho, ingaba kufanelekile ukuba esi sigaba sidityaniswe naso kwimiGaqo-nkqubo wotHlelo?

## ImiGaqo-nkqubo yaNgoku: isiQulatho seNgingqi

### Q: Yeyiphi imida emithathu apho isiqulatho sengingqi simiselwe yi-ICASA?

Isiqulatho sengingqi kwihlabathi jikelele sabela itshaneli nganye kamabonakude. Oku kuchaza ukuba ipesenti ye-air time phakathi ko-

05:00 no-23:00 kufuneka yabelwe isiqulato sengingqi. Izabelo zehlabathi ziphawula phakathi komabonakude woluntu jikelele noworhwebo. • Uhlobo lwezabelo. Ezi zichaza ukuba xa umabonakude ephethe uhlobo oluthile lwenkqubo (olunjengedrama), ipesenti yolo didi lokwenziwa kweenkqubo kufuneka yabelwe isiqulatho sengingqi. Iintlobo zichazwe kummiselo3 we-ICASA zize ziquke le miba mithandathu ilandelayo: umdlalo, ulwakhiwo lolwazi olungekho sikweni, ezabantwana, imfundo, imiboniso ebonisa izinto ngobunjalo bazo nemicimbi yangoku. Kumba ngamnye, kumiselwa ipesenti engephi. Ezi zabelo zikwaphawula phakathi komabonakude woluntu jikelele noworhwebo. • Izabelo zemveliso ezimeleyo. Apha okufunekayo kukuba ipesenti yenani lilonke yomxholo wengingqi odlaliweyo kufuneka yabelwe iimveliso zikamabonakude ezizimeleyo. Ezi zabelo azenzi mahluko phakathi kweenkonzo zoluntu jikelele nezorhwebo. Zonke izabelo zimiswe kwimimiselo esenokuphonononongwa yi-ICASA rhoqo kwiminyaka emithathu.

### Uphononongo: IsiQulatho seNgingqi

• Ingaba oku kungasentla (namanye amagatya) kwimigaqo-nkqubo asafanelekile futhi ulungiso lungenziwa phi?

• Imigaqo-nkqubo ibophelela i-SABC ekuphuhliseni ilizwekazi lase-Afrika: sijongana kanjani noko?

• Ingaba i-SABC inalo naluphina uxanduva lwesiqulatho sengingqi ngaphaya kweenkonzo zelayisensi – ukuba kunjalo, kufuneka iboniswe kwimiGaqo-nkqubo yoHlelo?

• Ekuqaleni kolu xwebhu, umba wolawulo olufanelekileyo lweempawu zentsulungeko kwisiqulatho ukuze kunikezelwe kwigunya losasazo loluntu ubuvelisiwe njengomba ofuna ukuqwalaselwa – le ingayindawo efanelekileyo yokwenza njalo.

## ImiGaqo-nkqubo yaNgoku: uSasazo lwezeNkolo

### Q: Ingaba yabiwa njani i-airtime kwiinkqubo zenkolo?

Ekwabeni i-air time kumaqela ezenkolo, i-SABC izibophelele kumthetho-siseko wobulungisa ize isebenzise lo mthetho-siseko ekumiseni ixesha elabelwe iqela ngalinye. Olu lwabiwo lwenziwa ngokwesiseko seminyaka emithathu, emva kokucebisana ne-Religious Broadcasting Panel (RPB), ithathele ingqalelo koku kulandelayo: • Idata kwipesenti yenani labemi kwiqela

ngalinye lezenkolo ngokolwazi lwangoku olukhoyo lobalo lwabantu. • Imfuno yeqela ngalinye elikhulu lenkolo ekubeni lonwabele inkqubo enentsingiselo neyoneleyo yonqulo • Imfuno yamaqela enkolo ewonke ukuba abonakale kwiinkqubo zenkolo • Imfuno yokwenziwa kwenkqubo okwaneleyo yeentlobo ngeentlobo zonqulo • Imfuno yokujongana ngokutsha nokungalingani kwexesha eladlulayo kusasazo lwenkqubo zenkolo.

## Q: Kutheni umgaqo-nkqubo wenkqubo yenkolo unika ingqwalaselo eyodwa kwiNkolo yase-Afrika?

Usasazo lwenkolo kufuneka luzame ukuba semxholweni futhi lufaneleke kwaye lubonise ubume bethu benene bokuba ngumAfrika. Kolunye ulungiso lovavanyo malunga nokungahoywa kwenkcubeko yama-Afrika kumajelo oluntu, ingqwalaselo eyodwa inikezelwe kwiNkolo yase-Afrika neenkcubeko zemveli.

### Uphononongo: Usasazo lweNkolo

• Ingaba oku kungasentla (namanye amagatya) kwimigaqo-nkqubo asafanelekile futhi ulungiso lungenziwa phi?

• Imigaqo-nkqubo yenkolo yabela ulawulo lohlelo lweenkqubo ze-meditational ngaphandle kwe-SABC. Lo mgaqo-nkqubo ukwavumela ukusekwa kwe-Religious Broadcasting Panel, neya kugqithisa ingxelo yayo kwiBhodi, ichaze ulwabiwo lwexesha kumaqela awohlukeneyo nonxulumano kunye noluntu kwimimandla. Kokubini koku kubonakala ngathi kukubhangiswa kolawulo lohlelo olwabelwe i-SABC futhi oku kufuna ukuqwalaselwa.

• Owona mba ubaluleke kakhulu ovelileyo onxulumene noSasazo lwezeNkolo kukuba nokuba kunjalo nokuba akunjalo izenziso ezenziwe ngokubaluleka kosasazo ngokomdla welungu wehlelo lenkonzo, ubufanelekile.

• Ingaba ukuphawulwa kweenkolo ezinkulu kufanelekile na kwaye unjani umahluko ofuna ingqwalaselo ngaphakathi kwinkolo, umz. Shi'ite & Sunni, Orthodox & Pentecostal?

• Iintlawulo zosasazo zivelisiwe njengeziyingxaki kumba wosasazo lwenkolo kwinkonzo kawonke-wonke, kodwa imiGaqo-nkqubo yoHlelo iyayivumela – ingaba oku kufanelekile?

## ImiGaqo-nkqubo yaNgoku: iMfundo

### Q: Zeziphi iindawo ezintandathu ezibanzi apho i-SABC inikezela iinkqubo zemfundo kwiinkonzo zayo zizonke?

Ngokuvela kuMthetho woSasazo, i-SABC iphawule ezi nkqubo zemfundo zilandelayo: • Early Childhood Development • Children at Home • Formal Education • Youth Development • Adult and Human Resources Development • Public Education

### Q: Kokuphi okuphambili okunikezelwe kwiimfuno zemfundo?

I-SABC iqinisekisa ukuba iinkqubo zayo zemfundo zilungisa ukungalingani kumalungiselelo embali yezemfundo, ingakumbi kwezo zisekelwe ngobuhlanga, isini nokukhubazeka. I-SABC ithungelana ngosasazo lwayo lwemfundo kwimiba ephambili kazwelonke kunye neemfuno, ukuxhasa ufezekiso lwemfundo esekelwe kwiziphumo, imfundiso yobomi bubonke kwakunye nokumanywa kwamava ezemfundo namava obomi.

### Q: Ingaba umgaqo-nkqubo we-SABC wokwenziwa kweenkqubo zemfundo uyazibophelela kwimfundo esesikweni nengekho sikweni okanye zombini?

I-SABC iyazibophelela ekunikezeleni iinkqubo ezintsha zemfundo ezikumgangatho obalaseleyo kwiinkonzo zethu zizonke zikanomathotholo nomabonakude, ijolise ekufikeleleni kwiimfuno zokufundisa ezizintlobo ngeentlobo ezisesikweni nezingekho sikweni kubaphulaphuli bethu bebonke ukuquka abantwana, ulutsha nabantu abadala.

### Uphononongo: uKwenziwa kweeNkqubo zeMfundo

• Ingaba oku kungasentla (namanye amagatya) kwimigaqo-nkqubo asafanelekile futhi ulungiso lungenziwa phi?

• Imfundo kuphela kwesigaba semiGaqo-nkqubo ejongene ngokubanzi neenkqubo zabantwana. Kodwa ke, ukusekwa kwe-Reithian yokonwabisa nokwazisa iyasebenza nakwabasakhulayo – ngokuqinisekileyo eli lungelo lifuna ukwenziwa kwimigaqo-nkqubo enxulumene neenkqubo zabantwana.

## Ndingayifumana phi ikopi yemiGaqo-nkqubo yoHlelo ekhoyo?

Ukufumana ikopi yemiGaqo-nkqubo yoHlelo ekhoyo, nceda yiya ku: www.sabc.co.za/editorialpolicy
umgaqo-nkqubo wohlelo

## Ndingazifumana phi iinkcukacha ezininzi malunga nophononongo lwemiGaqo-nkqubo yoHlelo?

Ukufumana iinkcukacha ezininzi, thumela i-imeyile ku- editorial@sabc.co.za okanye ufowune ku- (011) 714 9111

## Ndingalithumela phi unikezelo lwam kwimiGaqo-nkqubo yoHlelo?

Ungathumela unikezelo lwakho kolu thungelwano lulandelayo:
Imeyile: editorial@sabc.co.za
Post: Editorial Policies
Private Bag X1
Auckland Park
2006

